

# UKUBHIYOZELA IILWIMI

# ZAMA- AFRIKA!



**Molo! NguGogo lo.** Umhla wama-21 kweyoMdumba nguMhla weLizwe woLwimi lwaseKhaya, ndaye ndifuna ukunikhumbuza ngokubaluleka kweelwimi zamaAfrika. Iilwimi zingaphezulu ekubeni ngamagama nje; zineentetho nezimvo ezingenakukwazi ukuguqulwa! Ngale ndlela, zigcina iinkcubeko zethu ziphilile zize zisinike imvakalelo ebalulekileyo yokuzibona siyinxalenye yoluntu. Ukuba asibafundisi abantwana bethu iilwimi zasekhaya, siya kuba asibaphangi ulwimi nje kuphela, koko nokuzazi ngokunjalo!

## Nazi iingcebiso ezine zokukhulisa uthando lweelwimi zasekhaya kubantwana bakho.

- ★ **Qalisa kwangoko:** lintsana nabantwana abancinane bathanda imvano-siphelo nophindaphindo. Njengoko bephulaphula, baqalisa ukuqonda indlela yokudibanisa izandi kunye kanti namagama. Sebenzisa izicengcelezo zemveli ezikhethekileyo kwinkcubeko yakho.
- ★ **Yabelana ngamabali:** Khangela iincwadi kwithala lakho leencwadi kulwimi lwakho lokuqala. Ukuba azikho, guqula okanye ubalise kwakhona amabali akho owathandayo okanye, fumana amabali abantwana asimhla ngeelwimi ezahlukeneyo kwiwebhusayithi kaNaI'ibali, [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org), okanye uthumele umyalezo othi 'amabali' ngoWhatsApp kule nombolo: **060 044 2254**.
- ★ **Qhubekeka:** Qalisa ukuthetha nokufunda nabantwana bakho ngolwimi lwabo lwasekhaya ukusukela ekuzalweni uze uqhubekeke usenza oku

ubomi babo bonke.

- ★ **Yonwabani:** Intetho enezandi eziphindaphindanayo ikhuthaza ukubiza amagama nokutyibilika kolwimi. Inceda kananjalo ukuphuhlisa indlela yokubiza amagama ngokuphindaphinda isandi esinye. Nanku umzekelo: Iqaqa laqabela eQawukeni laziqikaqika kuqaqqa, laqhawuka uqhoqhoqho. Phindaphinda kathathu.

